Isalathiso: 20161213-6989
12/2/11/6/4
Imibuzo: SMM Rampou

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye*GET:* DCG 0001/2017

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngezeKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli be*FET* nabe*GET*, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNqununu zazo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezizimeleyo ezineeklasi zamaBakala 4–9

Isihloko: Isicelo sokubhalisa abafundi bamaBakala 4–9 kwi-*Natural Science Olympiad* ka-2017

1. I-*National Natural Science Olympiad* yiprojekthi exhaswa ngemali yi-*South African Agency for Science and Technology Advancement* (*SAASTA*). Injongo yale Olimpiyadi:
   - kukudala umdla wesayensi kubafundi nokubakhuthaza ukuba benze izifundo zesayensi kwiSigaba seMfundo noQeqesho oluQhubelekayo (*Further Education and Training Phase*)(*FET*));
   - kukuqaphela abafundi beeSayensi zeNdalo abaziintshatsheli kuzwelonke;
   - kukuxhasa ootitshala beeSayensi zeNdalo nasekuphuculeni indlela abafundisa ngayo eklasini; kunye
   - nokuqaphela italente efumaneka kubafundi beeSayensi zeNdalo.

2. I-Olimpiyadi luviwo oluhlupheza ingqondo (*stimulating activity*) olufuna abathathi-nxaxheba babonise ukuqiqa (*critical thinking*), ukukwazi ukusombulula iingxaki (*problem-solving abilities*), ingqondo yokukwazi ukuvelisa izinto ezintsha kwanesiphiwo sokuyila (*innovativeness and creativity*). Le nkqubo ixhasa isicwangciso i-*Western Cape Education Department's (WCED) strategy for Mathematics and Physical Science*. Kukho amabhaso angayiwayo aya kuphunyelelwa ngabo bafundi baziintshatsheli kwi-Olimpiyadi.

3. Impumelelo engumndilili yephondo kumaBakala 4 ukuya ku-6 inyuke ukusuka ku40,5% ngo2015 yaza yangu-42% ngo2016. Ukanti kumaBakala 7 ukuya ku-9 inyuke ukusuka ku40,5% ukuya ku43,3% ku2016.

4. La mabhaso alandelayo aye anikwa abaphumeleleyo eNtshona Koloni kwinqanaba likazwelonke (*national category*):

Igama lesikolo	**Ii-inishiyali nefani yomfundi**	**Ibakala**	**Abafundi abawongwayo**	**Indawo akuyo umfundi kuzwelonke**	**%**	**Ibhaso**
Kristenhof Primary	D Sumeruk (76%)	7	Ngumfundi oyintshatsheli kwiBakala 7	1	76	Ithablethi
Parklands College	RS Sparg (81%)	8	Ngumfundi oyintshatsheli weBakala 8	2	81	Ithablethi

5. I-Olimpiyadi luviwo olukhethisayo (*multiple-choice questions*) olubhalwe ngesiNgesi kuphela. Lwahlulwa-hlulwe lwangamacandelo amabini, o.k.t. iSigaba seSiseko neSigaba esiPhakamileyo. Luya kubhalwa kuphela ngo-09:00 ukuya kutsho ku-12:00 ngoLwesine, nge-11 Meyi 2017. Umhla wokuvala ukubhalisela uviwo eNtshona Koloni nguLwesibini, we-28 Februwari 2017.

6. I-WCED izimema zonke izikolo kwakhona ukuba zithathe inxaxheba kwiOlimpiyadi ka2017. Kucelwa izikolo zizalise yaye zisayine ezi fom zobhaliso ziqhotyoshelweyo (iziHlomelo A no-B) zizibuyisele kweyona ofisi yesithili ikufutshane okanye kwiziko lesayensi elidweliswe kwisiHlomelo C. Makuqinisekiswe ukuba ikopi yerisithi yentlawulo iqhotyoshelwe kwifom yobhaliso. Zonke iifom zobhaliso eziqhotyoshelweyo mazifike kwii-ofisi zezithili ezahlukeneyo kunye/okanye kumaziko esayensi engadlulanga u-14:00 ngoMvulo, we-27 Februwari 2017.

7. Intlawulo yokuthatha inxaxheba kwi-Olimpiyadi yi-R10.00 ngomfundi ngamnye. Le mali mayidiphozithwe ngqo kwi-akhawunti yebhanki ye-*SAASTA*. Iinkcukacha zebhanki zibhaliwe kwifom yamangeno. Akukho mqathango umiselweyo omalunga nenani labafundi abanokungenela olu viwo.

8. I-WCED iya kuhlawulela amangeno abafundi abakwizikolo ezingayihlawuliyo imali yokufunda kunye nezo zeMathematika, iSayensi neThekhinoloji (*Mathematics, Science and Technology)MST*. Zonke ezi zikolo mazithumele amangeno abafundi bazo kuSuanne Rampou ungadlulanga uMvulo we-27 kaFebruwari 2017 ngentsimbi yesi-15 :00. Izikolo zinako ukuskena ziwathumele nge-imeyili amangeno azo ku-: Suanne.Rampou@westrerncape.gov.za okanye ziwathumele ngefeksi ku-086 205 1450.

9. Kucelwa izikolo zikugcine ukuthembeka (*integrity*) kwe-Olimpiyadi ngokubagada ngenyameko abaviwa xa bebhala. Siya kukhutshwa ngaphandle kwengxoxo isikolo esiye sachaphazeleka kwisitenxo (*an irregularity*).

ISAYINWE: NGU- PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE OBAMBELEYO WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2017-01-17